

Singabaqeshi bakwa [faka idilesi yendlu oqashise kuyo] sigqibe kwelokuba sizirhoxise iintlawulo zethu zenyanga zokugxamesa, ukususela ekuqaleni kwenyanga ka Meyi. Elinyathelo ayisosigqibo ebekuvele kwalula nje ukusithatha, koko silibone ilinyathelo eliqiqileyo yaye ikwa luxanduva lokuthathelwa amanyathelo aqatha kwesi simo sikuso.

Eli lixsha lengxaki, yaye ndiqinisekile ukuba nawe wazi njalo, njengoko uMongameli weli loMzantsi Afrika ebhengeze ukuphunyeziswa komqulu wesehlo sentlekele, ngomhla weshumi elinesihlanu kwinyanga ka March 2020 ukuphendula kwisimo esikuso sokumiswa ngxii kweentshukumo ngenxa yentsholongwane iCorvid 19. Nangona sikwiphulo lokumiswa ngxii kweentshukumo, Inani labantu abosuleleke yilentsholongwana lenyuka umhla nezolo, ngoko isiphelo sale ntsholongwane asikaziwa mntu okwangoku. Ubungqina boku kukunyanzeliswa koninzi olungabalekiyo lwamashishini ukuba amise ngxii inkqubo zamshishini azo, yaye izigidi ngezidi zabantu kweli loMzantsi Afrika bashiyeke bengena misebenzi nangeniso yanyanga nanyanga kanga ngesithuba sexesha elide. Njengoko nezikolo zivaliwe kweli lizwe lonke jikelele, iintsana zethu zihlala zisemakhaya ukunqanda ukunwenwa kwale ntsholongwane.

Ngomhla we 26 March 2020, uMphathiswa wezobulungisa kweli uMnumzana Ronald Lamola uthathe Inyathelo eliqatha lokuqala ngqa kwimbhali yeli, waze wapapasha ukunqunyanyiswa kokugxothwa kwabaqeshi ngelithuba lokumiswa ngxii kweentshukumo.

“Yonke imigqaliselo yencwadi ebandakanya ukugxothwa kwa nokuphunyezwa, equka zombini ezigungqayo nezinga gungqiyo iimpahla, ukuthuthwa kwa nokuthengiswa kwempahla yendlu yexabiso zimisiwe ngenxa yesimo esingxamisekileyo kwisithuba sokumiswa ngxii kweentshukumo.”

Ukulandela lengxuba kaxaka yesimo esikuso, sithi masithembe ukuba singasichukumisa yaye sisivuselele isazela sakho sezentlalo kwa nobuntu. Kuba uninzi lwethu sinoloyiko lwempilo zethu, singeka fikeleli ke kwisimo sethu sokuphila.

Ngenxa yokoyikisela isimo sethu sezempilo kweli lixa linzima sikulo ngenxa yale ntsholongwane igquqgisayo, Sikubhalela lencwadana ngenjongo zokurhoxisa iintlawulo zethu zoqeshiya zanyanga nanyanga kwesi sithuba sokumiswa ngxii kweentshukumo. Lembhalelwano kukukwazisa ukuba kunokuhlawuliswa intlawulo eyahlukileyo yokuqeshisa ngenyanga kwesi sithuba sokumiswa ngxii kweentshukumo, sikhetha ukuba ziiirhoxiswe ngokupheleleyo side sibe sibuyela emisebenzini isigxina, yaye siqhola imivuzo yesiqhelo. Sineminqweno njengawe ukuba iizinto zibuyele esimeni njengesiqhelo kungentsuku zatywala, kwakhona sibuyele kwisimo sokunceda-ncedana. Siyaqonda ukuba nawe hleze unezavenge zendlu ozihlawulayo nyanga nanyanga, yaye iintlawulo zethu zenyanga zokuqeshisa Ingaba ngowona mthombo wengeniso kuwe, kodwa singakhuthaza ngelokuba ukhe ujonge kwiinkqubo zoncedo lwentlawulo lwezezindlu zokuqeshisa neze holide, enikezelwa yi bhanki yakho (sizikhankanyile iinkcukacha apha ngezantsi ). Njengoko singenalwazi luphangaleleyo lokuba oku kumiswa ngxii kweentshukumo kuzophela emva kwexesha elingakanani, ngezazela ezihle asikwazi ukuba sikhokhelise iintlawulo zokuqeshisa ze nyanga phambili, singenako ukutya kunye nezidingo eziphambili ukubaluleka ukuze siphile kweli lixa lobunzima

Ityikityiwe.